

Isalathiso: 20230926 -8304
Inombolo yefayili: 21/2/5/2/ PLACEMENT OF TEACHERS

Ingcaciso eMfutshane yeKharithulam ye-GET: 0012/2023

Iya: KwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli be-FET, kuBaququzeleli be-GET, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zazonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Ukulawulwa kokuqeshwa kootitshala beSifundo se-Life Skills nese-Life Orientation

1. Ngokusekelwe kwidatha efunyenwe kulawulo lokuqeshwa kootitshala beSifundo se-Life Skills nese-Life Orientation (LO), iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) lineenjongo zokuphucula ezinye iinkalo eziqatshelwe ukuphuculwa. ISebe iWCED lifaka imali esisixa esikhulu kuqeqesho lootitshala beSifundo se-Life Skills nese-LO lokubaxhobisa ngezakhono nokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigaqo yeNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharithulam noVavanyo (CAPS).
2. Kuqatshelwe ukuba kwezinye izikolo kukho ootitshala abangaphezu kwe-10 abafundisa iSifundo se-Life Skills nese-LO. Kwezinye iimeko, ootitshala abafumene uqeqesho nabanikwe inkxaso ngekhontenti ebaluleke kakhulu nangezakhono kwiSifundo se-Life Skills nese-LO abasazifundisi ezi zifundo yaye basiwe kwesinye isifundo okanye kwelinye icandelo. Olu tshintsho lootitshala beSifundo se-Life Skills nese-LO ezikolweni, ludibene nenani elikhulu lootitshala abafundisa isifundo esikolweni esinye, luyaphazamisa yaye lubangela ukungabikho kozinzo kwizifundo.
3. Ukumisela iqela elingundoqo (core group) lootitshala abaziingcali beSifundo se-Life Skills nese-LO kwisikolo ngasinye kubalulekile ukuqinisekisa ukuba abafundi bethu bayazusa kwizakhono zobomi, ezi ngcali zootitshala eziya kuxoxa zivumelane ngazo. Lubalulekile uzinzo kootitshala ukwenzela ukuba benze umsebenzi wabo wokudala indawo ekhuthaza ukuba kuphuhlise izakhono zabafundi ngokuyimpumelelo.
4. NgokoMgaqo-nkqubo we-CAPS, kwaqaliswa iSifundo se-Life Skills nese-LO ukulungiselela ukuba kujongwane nokufundisa izakhono, ulwazi, iimfundiso ezisisiseko malunga nesiqu somntu, nendalo, nokuba ngummi welizwe onoxanduva, ngobomi obunempilo nobunemveliso, ngokuthatha inxaxheba ekuhlaleni, ukuzonwabisa, ukushukumisa

umzimba, amakhondo omsebenzi nokukhetha amakhondo omsebenzi. Oku kuquka amathuba okuzibandakanya kuphuhliso nokuprekthiza iindidi zezakhono zobomi zokusombulula iingxaki, ukuthatha izigqibo nokukhetha iindlela zokuphila ezisekelwe kwingqiqo nokuthatha amanyathelo afanelekileyo okuphila ngendlela efanelekileyo nenempumelelo kwindawo yokuhlala etshintsha ngokukhawuleza. Oku akugxilanga kulwazi kuphela, kodwa kukwagxininisa ukubaluleka ukusetyenziswa okunokwenzeka kwezi zakhono neemfundiso ezisisiseko kwiimeko zobomi esibuphilayo, ukuthatha inxaxheba kwimisebenzi eyenziwayo, kwimibutho nakumaphulo asekuhlaleni.

5. ISifundo se-*Life Skills* nese-LO zaqaliswa njengezifundo ezizodwa njengoko zisebenzisa indlela yokufikelela kumfundi ngokupheleleyo kwisiqu somntu, ekuhlaleni kwakhe, engqondweni yakhe, kwimvakalelo yakhe, kumoya womntu, kwiintshukumo zomzimba nasekukhuleni kwakhe, kwakunye nendlela ezi mpawu ezinxulumene nezivezwa ngayo ebomini. Oku kukhuthaza ukukhula komfundi ochubekileyo nozithembileyo onako ukwenza igalelo kwindawo yokuhlala enobulungisa nedemokhrasi, ukudala uqoqosho olunemveliso nomgangatho wobomi ophucukileyo wabantu bonke.
6. IiNqununu neeKomiti zoLawulo zeSikolo (SMTs) maziqeshe ootitshala beSifundo se-*Life Skills* nese-LO abanamabanga emfundo afanelekileyo namava okufundisa ezi zifundo ngezi zizathu zilandelayo:
 - Ingcaciso engesiCwangciso saMakhondo oMsebenzi yenye inkalo apho sifuna ootitshala abazingcali zeSifundo se-LO ukwenzela ukuba baxoxe ngezisombululo zekhontenti yesifundo nabafundi. Abafundi abaninzi bethu abasenzi isicelo sokufunda kwiikholeji ii-*Technical Vocational Education and Training colleges* okanye bakhetha iikhosi ezingachanekanga kuba abafumani zingcebiso zifanelekileyo ezivela kootitshala beSifundo se-LO.
 - ISifundo i-*Physical Education* licandelo elibaluleke kakhulu lekharithulam yeSifundo se-*Life Skills* nese-LO elingahoywanga kwezinye izikolo. Oku akuyonxalenye yokuphuhliswa ngokupheleleyo komfundi kuphela, kodwa ikwalithuba lokuba abafundi bavakalise izimvo ngokubonakalisa ngeentshukumo zomzimba kwindawo ekhuselekileyo yaye yiplatfom eyenzelwa ukuthatha-inxaxheba kwezemidlalo esikolweni.
 - Izihloko ezongezelelweyo kwiikharithulam zeSifundo se-*Life Skills* nese-LO ezifuna indlela ethile yokujongana nazo eziquka ukuxhatshazwa (*bullying*) (ku-intanethi (*cyber*) nasemzimbeni (*physical*)), indlela yokuziphatha ku-intanethi (*cyber wellness*), ukusombulula ingxabano, ukwakha ubudlelwane, ukumelana nezifo, ukwazisa abafundi amalungelo abo noxanduva olukumgaqo-siseko, amalungelo abanye abantu nemiba yeyantlukwano. Ngokusekelwe kwidatha evela eNtshona Koloni (WC) kwiSebe lezeMpilo neMpilo Qete neSebe loPhuhliso loluNtu (*Department of Social Development*), onyukile amanani amantombazana akhulelweyo akubudala bokufikisa neziganeko zobundlobongela obusekela kwisini (*gender-based violence*).

- Ingxaki zobuhlanga, ezamaqela eentlanga, nobunzima bokuntsonkotha kwemiba yezenkubeko kwiiklasi zaseMzantsi Afrika kwakunye neengxaki zendlala emaphandleni nasezidolophini nazo ziingxaki ezifuna ukuthathelwa ingqalelo kweli phulo lenzelwe utshintsho olubalulekileyo oluchaphazela abahlali nonxulumano phakathi kwabahlali. Ootitshala beSifundo se-*Life Skills* nese-LO abasebenzayo bancedisa ngokwenza izikolo zisabele ngakumbi kwiingxaki ezinkulu ezijongene nazo.
7. URhulumente weNtshona Koloni uqulunqe isiCwangciso sokuKhulisa aMathuba eMisebenzi (*Growth for Jobs Strategy*) esicacisa injongo ebanzi, engumngeni, sePhondo leNtshona Koloni sokukhulisa uqoqosho lwephondo ngeepesenti ezi-4% ukuya kwezi-6% ungasululanga owama-2035. Ngokumalunga noku, ikhabhinethi yephondo iqaphele iSifundo se-LO njengesifundo emasisetyenziselwe ukuqhubela phambili inkqubo egxile kumakhondo omsebenzi kwiSebe iWCED. Ikomiti yeSifundo se-LO iqaphele iiklabhu zamakhondo omsebenzi njengesixhobo sokuqhuba le nkqubo yokugxila kumakhondo omsebenzi. Injongo zeeklabhu zamakhondo omsebenzi kukwandisa ulwazi nophononongo ngamakhondo omsebenzi, ukudala ulangazelelo lwemfundo ephakamileyo, ukuqaliswa kwamaphulo obuhlakani ekuhlaleni nokwenza iindibano zababesakuba ngabafundi kumaziko, ukwandisa amaqela obudlelwane nonxibelelwano malunga namakhondo omsebenzi athile nawamaqela okunikana iingcebiso, ukudibanisa iinkqubo zongenelelo ngoncedo kwikharithulam, ukomeleza isicwangciso samakhondo omsebenzi kwiphondo. Oku kuya kufezekiswa ngokuvuselela iingxoxo, izimvo namanyathelo awenzelwa imfundo yexesha elizayo. Iiklabhu zamakhondo omsebenzi zinenjongo yokomeleza intsebenziswano phakathi kwezikolo namahlakani ezemfundo ekuqinisekiseni amaphulo ongenelelo ngoncedo kwisicwangciso samakhondo omsebenzi somfundi ngamnye, kwiiklasi nganye, kwisikolo ngasinye kwiPhondo leNtshona Koloni.
 8. Kucelwa zonke iinqununu namabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziziprayimari neziphakamileyo ukuba bathobele iimfuno ezimiseliweyo ezikule ngcaciso imfutshane.
 9. Abaphathi beesekethe kufuneka baqinisekise ukuba izikolo ziyayithobela imiqathango xa zivuma ukusetyenziswa kootitshala ezikolweni.
 10. Ukuba ninayo nayiphi na imibuzo kucelwa niqhagamshelane ngaphandle kwamathandabuzo no-Ismail Teladia kule nombolo yefoni 021 467 2199 okanye nge-imeyili apha: ismail.teladia@westerncape.gov.za okanye no-Ivan Fortuine nge-imeyili apha: ivan.fortuine@westerncape.gov.za

11. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okule ngcaciso imfutshane iiKomiti ze-SMTs nabo bonke ootitshala beSifundo se-*Life Skills* nese-LO ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2023-11-01